



Developing literacy at home

School is not the only place where teaching happens! What families do at home provides children with their first and most important lessons.

If you read and write regularly at home with your children, you are teaching them that reading and writing are important, useful and enjoyable activities. This helps make literacy learning easier for them.

Everyone at home has a role to play in developing young children's reading and writing. Here are some ideas on making literacy an enjoyable part of everyday family life.

- **Tell stories.** Tell your children stories, sing songs and recite poems you know. This stimulates their imagination and develops their language. Listen to their stories too, and remember to show your appreciation.
- **Share books.** Spend just 10 minutes a day reading a storybook aloud to your children. Make it a relaxed and enjoyable time. When your children realise that stories can be found in books, and that books are full of magical pleasure, they will want to start reading for themselves.
- **Develop children's confidence.** Value your children's attempts to read and write, just like you valued their first words! Give them lots of support to develop their confidence – that's half the battle

with learning. Listen to their pretend reading, and pretend to read what they have written. Children need to behave like readers and writers to become readers and writers.

- **Be a role model.** Show your children how you use reading and writing in your daily activities. Read your shopping list or notes out loud to them as you write. Make sure they see you reading – books, timetables, letters and newspapers.
- **Use your home language.** First stories should be in your children's home language. Children should learn to read and write in their home language well before they start to learn in other languages. A strong foundation in their home language is the key to all successful learning – including learning to read and write – because to learn well, they need to understand well.
- **Visit the library.** Books are expensive to buy, so join a library with your children – and use it! The librarians are there to help you.

You can find more information on what books to read to children in the Recommended Reads section of our website: www.nalibali.org.



Ukuphuhlisa ilitheresi emakhaya

Isikolo ayikokuphela kwendawo apho ukuhlola kunokwenzeka khona! Izinto ezenziwa zisapho emakhaya zinika abantwana izifundo zabo zokuqala nezona zibalulekileyo.

Ukuba uyafunda kwaye ubhala rhoqo ekhaya kunye nabantwana, uza kuba ubafundisa ukuba ukufunda nokubhala kubalulekile, kuluncedo kwaye kuyonwabisa. Oku kunceda ukwenza ukufunda kwabo ilitheresi kubelula kubo.

Wonke ubani ekhaya unendima ekufuneka eyidlalile ekuphuhliseni ukufunda nokubhala kwabantwana abancinane. Nazi ezinye zeengcebiso zokwenza ilitheresi ukuba ibeyinxalenye yokuzonwabisa kubomi bosapho lwakho bamihla le.

- **Balisela amabali.** Balisela abantwana bakho amabali, ubaculele iingoma ucengeleze nemibongo oyaziyo. Oku kuvuselela amandla abo okuzakhela imifanekiso-ngqondweni kwaye kuphuhlisa nolwimi lwabo. Phulaphula nawabo amabali, uze ukhumbule ukubonakalisa uthakazelelo.
- **Yabelanani ngeencwadi.** Chitha nje imizuzu

eli-10 ngosuku ufundela abantwana bakho incwadi yamabali ngokuvakalayo. Eli xesha lenze libe lelukuzipholela nokuzonwabisa. Xa abantwana bakho beqonda ukuba amabali angafumaneka ezincwadini, kwaye iincwadi zizele bubumnandi obuyimilingo, baza kuqala ukufunda ukuzifundela ngokwabo.

- **Phuhlisa ukuzithemba ebantwaneni.** Zixabise iinzame zabantwana bakho zokufunda nokubhala, njengoko wawaxisayo amagama okuqala abawathethayo! Banike inkxaso kangangoko ukuze kuphuhle ukuzithemba kwabo – oko kuthetha ukuba inxalenye yedabi lokufunda sele uloyisile. Bamamele xa bezenza ngathi bayakwazi ukufunda kwaye nawe yenza ngathi ufunda oko bakubhalileyo. Abantwana kufuneka baziphathe njengabafundi nababhali ukuze babe ngabafundi nababhali.
- **Yiba ngumzekelo.** Bonisa abantwana bakho indlela wena okusebenzisa ngayo ukufunda nokubhala kwimisebenzi yakho yemihla ngemihla. Funda uluhlu lwakho lwezinto oza kuzithenga okanye amanqaku owabhalileyo

ngokuvakalayo nanjengokuba uwabhala ukuze bakuve. Qinisekisa ukuba bakubona ufunda nawe – iincwadi, izicwangciso-xesha, iileta kunye namaphephandaba.

- **Sebenzisa ulwimi lwakho lwasekhaya.** Amabali okuqala kufanele abe ngolwimi lwasekhaya lwabantwana. Abantwana kufanele bafunde ukufunda nokubhala ngolwimi lwabo lwasekhaya phambi kokuba baqale ukufunda ezinye iilwimi. Isiseko esiluqilima kulwimi lwabo lwasekhaya ngundoqo wayo yonke impumelelo yabo yokufunda – kuquka ukufunda ukufunda nokubhala – kuba ukuze bafunde kakuhle kufuneka baqonde kakuhle kuqala.
- **Ndwendwela ithala lakho leencwadi.** Iincwadi zixabisa kakhulu xa uzithenga, ngoko ke zibandakanye nethala leencwadi wena nabantwana bakho – uze ulisebenzise kunjalo nje! Osothala bakhona ukuze bakuncede.

Ungafumana iinkcukacha ezithe vetshe ngeencwadi ezinokufundwa kwicandelo lethu leeNcwadi ekuCetyiswa ukuba ungaziFunda kwiwebhusayithi yethu: www.nalibali.org.



Drive your
imagination

Read to me. Again! Again!
Ndifundele.
Phindaphinda ungadinwa!





Drive your
imagination

Story stars

Sparking a love of reading

Each year in May, book lovers flock to the beautiful Franschhoek valley in the Western Cape to attend the Franschhoek Literary Festival (FLF). One of the main aims of the festival is to encourage a love of reading. There is also a project, called the FLF School Library Project, which works throughout the year to help develop literacy in five schools in the Franschhoek community. We chatted to Margie Cunnaman about this project.

What is the main aim of the FLF School Library Project?

We try to spark a love of reading in children by encouraging them to read for pleasure.

What is your role in the project?

I came up with the plan for how the project would work and now I manage it. One of the things I did to get the project off the ground was to carefully choose 300 new books for each school that I thought the children would enjoy reading.

How did you know which books to choose?

I had worked as a librarian in many different parts of South Africa so I could draw on my experience of books and children to help me. I also knew that we needed some books in the children's different mother-tongues and some books in English.

How does the project work?

In each of the five schools, every class visits the library for 30 minutes of story time once a week. Children in Grade 3 and above are allowed to take books home to share with their families. The library is also open one afternoon a week after school. Teachers can bring their classes to the library too, to use the library resources.

In which languages do you read to the children and why?

We read to the children in their mother-tongue and in English. It's important to develop their English, but they also have the right to read and enjoy stories in their mother-tongue.

How important is access to books for developing literacy in South Africa?

Children need books in their hands to grow a love of reading!



Pic: Halden Krog

Iimbilasane zamabali

Ukuvuselela uthando lokufunda

Rhoqo ngonyaka kuCanzibe, abathandi beencwadi bathontelana kwintlambo ebukekayo yaseFranschhoek eNtshona Koloni ukuya kuzimasa uMnyhadala wokuFunda waseFranschhoek (i-Fanschhoek Literary Festival - FLF). Enye yeenjongo ezingundoqo zalo mnyhadala kukukhuthaza uthando lokufunda kwaye ke ngoko, iProjekthi yeThala leeNcwadi leSikolo yeFLF lisebenza unyaka wonke ukunceda ukuphuhlisa ukufunda kwizikolo ezihlanu zoluntu lwaseFranschhoek. Sincokole noMargie Cunnaman malunga nale projekthi.

Yintoni eyona njongo yeProjekthi yeThala leeNcwadi leSikolo yeFLF?

Sizama ukuvuselela uthando lokufunda ebantwaneni ngokubakhuthaza ukuba bafundele ukozonwabisa.

Yintoni indima yakho kule projekthi?

Ndasungula isicwangciso sendlela emayiqhube ngayo iprojekthi, ngoku sele iphethwe ndim. Enye yezinto endizenzileyo ukuqalisa le projekthi yaba kukukhetha ngononophelo iincwadi ezintsha ezingama-300 zesikolo ngasinye endandicinga ukuba abantwana bangakonwabela ukuzifunda.

Wazazi kanjani iincwadi onokuzikhetha?

Ndisebenze njengosothala kwiindawo ezininzi nezahlukeyo zaseMzantsi Afrika, ngoko ke ndasebenzisa amava am eencwadi nawokusebenza nabantwana ukuze ndancedakale. Enye into endandiyazi kukuba sifuna iincwadi zibhalwe ngeelwimi zasekhaya ezahlukeyo zabantwana kwaye ezinye kufuneka zibhalwe ngesiNgesi.

Isebenza njani le projekthi?


Kwisikolo ngasinye kwezi zihlanu, iklasi nganye indwendwela ithala leencwadi imizuzu engama-30 kanye ngeveki, isiya kufundo lwebali. Abantwana abakwiBanga lesiThathu ukuya phezulu bavumelekile ukuba baboleke iincwadi bagoduke nazo ukuze babelane ngazo neentsapho zabo. Kananjalo, ithala leencwadi liyavula ukuphuma kwesikolo kanye ngeveki. Ootitshala nabo bayakwazi ukuzisa iiklasi zabo kwithala leencwadi ukuze basebenzise izixhobo eziluncedo nezophuhliso ezikhoyo kulo.

Ubufundela ngezphi iilwimi abantwana kwaye kutheni usenza oko?

Abantwana sibafundela ngeelwimi zabo nangesiNgesi. Kubalulekile ukuphuhlisa isiNgesi sabo, kodwa banelungelo lokufunda nokonwabela amabali ngeelwimi zabo zasekhaya.

Kubaluleke kangakanani ukufikeleleka kweencwadi ukuze kuphuhlise iitheresi eMzantsi Afrika?

Abantwana badinga iincwadi ezandleni zabo ukuze bakhulise uthando lwabo lokufunda!



Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured **Story Stars** will receive meal vouchers* courtesy of **Wimpy** to enjoy with the children in whose lives they are making a difference. To nominate a Story Star, visit www.nalibali.org/story-stars.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars



Enjoy every moment


Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, **iimbilasane zamaBali** zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya ezizinikwa ngembeko nangoncedo lwabakwa**Wimpy** ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo. Ukonyula imbilasane yamabali, ndwendwela ku-www.nalibali.org/story-stars.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



"I'm thinking of a word with six letters, that starts with 'l' and ends with 'd'," said Granny, busy with her crossword puzzle. "Come and help me."
 "Ndinga ngegama elinonobumba abathandathu, eliqala ngo-'l' iliphele ngo-'e'," watsho uMakhulu, esaxakekile kukusombulula iqashiso lamagama. "Yiza kundincedisa."



"Granny, what are you doing?" asked Lela.
 "Makhulu, wenza ntoni?" wabuza uLele.



We publish what we like

This is an adapted version of *What are you doing?*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Wenza ntoni?*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org




INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-www.nalibali.org



Drive your imagination

Fold

What are you doing?
 Wenza ntoni?



Carole Bloch
 Nikki Jones



"I'm looking for a special verse in my book.
Come and help me," said Grandpa.
"Ndikhangele ivesi ekhethekileyo kule ncwadi yam.
Yiza kundincedisisa," watsho uTatommkhulu.



"Hello, Mom, what are you doing?" asked Lele.
"Molo, Mama, wenza ntoni?" kubuza uLele.



"Has anyone seen Lele?" asked Mom when
everyone sat down for supper.
"Ukho okhe wambona uLele?" wabuza
uMama xa wonke umntu selehleli ellindele isidlo
sangokuhlwa.



"Hello, Lele, what are you doing?" asked Lele's family
all together.
"I'm writing a story. Come and help me!" said Lele.
And they did!

"Molo, Lele, wenza ntoni apha?" lwatsho lonke
usapho lukaLele.
"Ndibhala ibali. Yizani nindincedise!" watsho uLele.
Bamncedisa bonke!

Fold

“Hi, Grandpa, what are you doing?” asked Lele.
“Molo, Tatomkhulu, wenza ntoni?” wabuza uLele.



“No,” answered everyone.
“Where on earth could he be?” asked
Lele’s big sister, Sibongi.
“Hayi!” baphendula bonke.
“Ingaba uphi?” wabuza udadebolele
omdla, usibongi!




“I’m writing a shopping list. Come and help me,”
said Mom.
“Ndibhala uluhlu lwezinto endifuna ukuzithenga.
Yiza kundincedisa,” watsho uMama.

Fold

Not behind the dustbin!
Akakho emva komgqomo wenkunkuma!



Not in the car!
Akakho emotweni!



Akakho endlwini yenja!
Not in the kennel!



Akakho egaraji!
Not in the garage!



Not in the bedroom!

Akakho egumbini lokulala!



Not in the living room!

Akakho egumbini lokuhlala!

Fold



“I’m reading the adverts to try to find a good, cheap bicycle. Come and help me,” said Aunt Josie.
“Nditfunda izaziso-ntengiso, ndizama ukufumana ibhayisekile elungileyo kodwa etshiphu. Yiza kundincedisa,” watsho uAnti Josie.



“Hello, Aunt Josie, what are you doing?” asked Lele.

“Molo, Anti Josie, wenza ntoni?” wabuza uLele.

Fold



Get story active!

After you and your children have read *What are you doing?*, try out some of these ideas.

- Together look at the pictures again. Talk about the ways in which Lele's family uses reading and writing. What kinds of things do you use reading and writing for in your home?
- Read the story again, looking at the pictures closely. Stop to talk about the story as you read. For example:
 - Pages 4 and 5: What is Aunt Josie reading?
 - Pages 6 and 7: What do you think Grandpa's book is about?
 - Pages 8 and 9: Can you tell what the time is?
 - Pages 10 and 11: What are they having for supper? Where is Lele?
 - Page 15: What do you think Lele might be writing about? What kind of things do you like to write about?
- Let your children follow the instructions below to make their own book about how they and/or family members use reading and writing in their daily lives. Encourage children to write on their own – even if they make mistakes. Sometimes younger children like to draw the pictures and have you write down what they say. Let your children read their completed books to each other and to you!



Yenza ibali linike umdla!


Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi *Wenza ntoni?*, zamani ezinye zezi ngcebiso.

- Ninonke, jongani imifanekiso kwakhona. Thethani malunga neendlela usapho lukaLele olusebenzisa ngazo ukufunda nokubhala. Ukufunda nokubhala nikusebenzisa kwezinye izinto emakhayeni enu?
- Funda ibali kwakhona, ujonge ngocoselelo imifanekiso. Yima ze uthethe ngebali njengokuba ufunda. Umzekelo:
 - Ephepheni lesi-4 nelesi-5: Ufunda ntoni uJosie?
 - Ephepheni lesi-6 nelesi-7: Ucinga ukuba incwadi kaTatomkhulu ingantoni?
 - Ephepheni lesi-8 nelesi-9: Ungalixela ukuba ngubani ixesha?
 - Ephepheni le-10 nelesi-11: Ingaba siyintoni isidlo sabo sangokuhlwa? Uphi uLele?
 - Ephepheni le-15: Ucinga ukuba uLele ubhala malunga nantoni? Zintoni izinto othanda ukubhala malunga nazo?
- Bavumele abantwana bakho balandele imiyalelo engezantsi ukuze bazenzele eyabo incwadi malunga nokuba bona kunye neentsapho zabo bakusebenzisa njani ukufunda nokubhala ebomini babo bemihla ngemihla. Bakhuthaze abantwana ukuba bazibhalele ngokunokwabo – nokuba benza iimpazamo. Ngamanye amaxesha abantwana abancinane bayakuthanda ukuzoba imifanekiso ukuze kufuneka ukuba ubhale phantsi kwayo oko bakuthethayo. Bavumele abantwana bakho bafundelane iincwadi zabo abazigqibileyo, bakufundele nawe!

Make your own book

Use the blank book on page 8 and create your own book to share with others!

1. Fold the page in half along the red dotted line.
2. Paste the two halves together.
3. Fold the strip of paper along the black lines to create a zigzag book.
4. Think about the ways you and/or friends or family members use reading and writing. Draw pictures and write about this on pages 2 to 8 of your book.
5. Think about a good title for your book and write this on page 1. Draw a picture too. Remember to write the author's name – that's you!



Zenzele eyakho incwadi

Sebenzisa incwadi engabhalwanga ekwiphepha lesi-8 uze uzenzele eyakho incwadi oza kwabelana ngayo nabanye!

1. Songa iphepha phakathi ulandela umgca wamachokoza abomvu.
2. Ncamathelisa la macala omabini.
3. Songa umcu wephepha ulandela imigca emnyama ukwenza incwadi egosogoso.
4. Cinga ngeendlela wena okanye/kunye nabahlobo okanye amalungu asapho angasebenzisa ngazo ukufunda nokubhala. Zoba imifanekiso uze ubhale malunga noko kwiphepha lesi-2 ukuya kwelesi-8 lencwadi yakho.
5. Cinga malunga nesihloko esifanelekileyo sencwadi yakho uze usibhale kwiphepha loku-1. Zoba nomfanekiso. Khumbula ukubhala igama lombhali – umbhali ke nguwe!

In your next *Nal'ibali* supplement:

- Getting and keeping children motivated to read
- Story Star: Inspirational reading club volunteer, Faith Shabangu
- Ideas for your reading club
- Mini-book, *Sonny Jim and his sister*
- A zigzag book, *Clever Busy Bee*

Can't wait until next week for more reading and story tips, stories and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

Find us
on your
cellphone:
www.nalibali.mobi
Sifumane
kwiselula yakho:
www.nalibali.mobi



Kuhlelo lwakho olulandelayo lwe*Nal'ibali*:

- Ukwenza kunye nokugcina abantwana benomdla neempembelelo zokufunda
- Imbalasane yamaBali: Ivolontiya leklabhu yokufunda elivuselelayo, uFaith Shabangu
- Iingcebiso zeklabhu yokufunda yakho
- Incwadana encinane, *uSonny Jim kunye nodade wabo*
- Incwadi egosogoso, *Iinyosi exakekileyo nekrelekrele*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ukuze ndifumane ezinye iingcebiso ngamabali, amabali amatsha neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali. Ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-Facebook: [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)



1

8

2

7

3

9

4

5

